



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2013

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P3
MEMORANDAM**

AMANQAKU: 100

Le memorandam inamaphepha asi – 8.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

1.1 Ukubaluleka kwemithi.

[50]

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundi angabeka uluvo lwakhe ngesincoko aluxoxele azixhase ngemizekelo.
- Angathatha icala, axhase okanye achase ezathuza.
- Unokuchaza ngokubaluleka kwemithi ngokubanzi.
- Angabonakalisa ulwazi olunzulu ngemithi.
- Angachaza iindidi zemithi nemisebenzi yawo.
- Angaveza neendlela imithi eluncedo ngayo kuqoqosho lwelizwe.
- Makasebenzise ulwimi oluchukumisayo lwengxoxo okanye ulwimi lokuchaza nemifanekiso-ngqondweni.

1.2 Kungenziwa ntoni engingqini yakho ukuze kuhlale kucekile?

[50]

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/ esicamngcayo.

- Umfundi unokuchaza izinto azibonayo ezenza ungcoliseko.
- Unokubonakalisa ubuchule bokuthelekisa izinto okanye iimeko nokuba neliso lokuqaphela izinto.
- Unokuqala athethe ngemeko ebekuyiyo kuqala.
- Unokuveza iingxaki ebezikhona ekuhlaleni ngenxa yale meko.
- Makaveze izinto ezintsha ezenziwayo ukuphucula le meko ebekuyiyo.
- Mayibe zizinto ezakhayo neziyiphuculayo imeko ebekukade kuyiyo.
- Umfundi unokuthetha nangantoni na eyenziwa kwingingqi yakhe ukukhupha ingingqi yakhe kobu bumdaka.

1.3 Ukuba ngumntu onempumelelo kukuba nolwazi.

[50]

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/ esicamngcayo.

- Umfundi angabhala ngolwazi oluluncedo ukuze umntu aphumelele.
- Angabalula ulwazi lwemfundo.
- Angabalula ulwazi lwamava.
- Angabalula ingqeqesho njalo-njalo.

- 1.4 Kulungile na ukuba abantwana abaneminyaka elishumi elinesibini(12) ubudala ukuba bazenzele izigqibo ngokuthandana nokwabelana ngesondo? [50]

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundi unokudibanisa izimvo ezahlukeneyo, athathe isigqibo.
- Unokubonakalisa ubungozi abantwana abanale minyaka abangangena kubo ngezi zigqibo/ndlela abanokuncedakala ngayo.
- Unokuveza izinto ezithi zenzeke kuba abantwana begqityelwa ngabantu abadala xa bekule minyaka.
- Unokunika iingcebiso nesisombululo.

- 1.5 Xa ndicinga loo mini uncumo lusuke lume ngeendlebe intliziyo ixhume kukonwaba. [50]

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundi angabalula izinto ezibangela uncumo xa ecinga ngaloo mini.
- Angaziveza ngokusebenzisa ulwimi olunika umfanekiso waloo mini.
- Makasebenzise ixesha elidlulileyo

- 1.6 Yonela yilo nto uyiyo [50]

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundi unokubonakalisa ukukwazi ukutolika iimbono zakhe ngesi sihloko.
- Makacacise indlela yokwaneliseka yimeko leyo.
- Abonise nezinto ezinokwenzeka xa umntu enganeliseki yinto ayiyo.

- 1.7 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko. [50]

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundi unokubonisa ukukwazi ukucinga.
- Unokudibanisa umfanekiso namava akhe okanye ulwazi analo oluthile.
- Ukhokhelwa ngumfanekiso ukuxhokonxa iingcinga.
- Mekanike isihloko sesincoko.

- 1.8 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko. [50]

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundi unokubonisa ukukwazi ukucinga.
- Unokudibanisa umfanekiso namava akhe okanye ulwazi analo oluthile.
- Ukhokhelwa ngumfanekiso ukuxhokonxa iingcinga.
- Mekanike isihloko sesincoko.

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**UMBUZO 2****2.1 ILETA ESESIKWENI**

Ulungiselela ukuya kufunda edyunivesithi, bhala ileta ucele indawo yokufunda kulo dyunivesithi ofuna ukuya kufunda kuyo.

- lidilesi ezimbini
- Isibuliso
- Umxholo: ukucela indawo yokufunda neenkukacha zombhali
- Isiphelo

[30]**2.2 INGXOXO YABABINI**

Kuphambi komdlalo waBafana Bafana neGhana, abahlobo ababini basendleleni eya ebaleni ekuza kudlalelwa kulo lo mdlalo. Baxoxa ngokuphumelela kwala maqela. Apha kubo omnye uthanda aBafana Bafana omnye uthanda iGhana. Bhala le ngxoxo yesi sibini.

- Umfundi makagqale kwifomathi yengxoxo.
- Ithoni nerejista mayibe yefanelekileyo.
- Makaxoxe ngokwanelisayo amacala omabini.
- Isiphelo masifaneleke.
- Umfundi makagqale ifomathi yengxoxo.

[30]**2.3 INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini yesikolo nangayiphi na into onomdla wokuyiveza.

- Inqaku malibe lelinika ulwazi, luthi ndifunde.
- Isihloko masibe sifutshane sitsale umxhelo.
- Malahlulwe ngokwezintlu.
- Ubhalo malulungiselelwe lwahlulwe ngokwemihlathi kubekho intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Ithoni iveze okucingwa ngumbhali.

[30]**2.4 IMIZUZU NE-AJENDA**

Ungunobhala wombutho wezolonwabo esikolweni sakho. Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso yokulungiselela umdaniso weValentina (Valentine's dance) ebeniyibambile.

- Kwi-ajenda makubekwe imiba/izihlokwana ekuza kuxoxwa ngazo.
- Kwimizuzu kunikwe irekhodi ebhaliweyo yoko kugqitywe kwintlanganiso.
- Mayihambelane nezihlokwana ezikwi-ajenda.
- Kubhalwe iziphakamiso kunye nezigqibo.
- Makasebenzise ixesha elidlulileyo.

[30]

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**UMBUZO 3****3.1 UNGENISO LWEDAYARI**

Ulungiselela itheko lokuvuyisana nodade wenu ophumelele isidanga sezoQoqosho. Yenza ungeniso kwidayari yakho lwentsuku ezintlanu eziphambi kwetheko elo. Bhala ngamalungiselelo eli theko.

- Umfundi makabhale izinto aza kuzenza nazenzileyo.
- Asebenzise isivumelanisi somntu wokuqala u “ndi-”.
- Akunyanzelekanga ukuba iintsuku zilandelelane.
- Unakho ukusebenzisa ulwimi lwemihla ngemihla.

[20]**3.2 ISIMEMO**

Ubhuti wakho uyatshata ngoDisemba, bhala isimemo somtshato wakhe.

- Ulwazi oluquphayo nolucacileyo malunikwe.
- Ulwimi olucengayo nolutsala umdla.
- Umhla nexesha.
- Idilesi
- Isinxibo
- Umhla wempendulo
- Indlela yokunxibelelana

[20]**3.3 ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Uza kuvula ivenkile yokutya, yila intengiso yokutya oza kuthengisa kule venkile yakho.

- Isihloko masibe sesitsala umdla kusetyenziswe amagama akhethiweyo.
- Umlinganiselo wefonti mawahluke, ibhalwe ngokugqamileyo.
- Iinkcukacha ezifunekayo mazibhalwe ngokucacileyo.
- Mayinike umdla.
- Mayikuchaze ekuthengisayo.
- Mayichaze ixabiso, apho ifumaneka khona neenombolo zonxibelelwano.

[20]**AMANQAKU ECANDELO C: 20****AMANQAKU EWONKE: 100**

ICANDELO A: IRUBHRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO [50]

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80% -100%	Mfaneleko Khowudi 6 70% - 79%	Enomthamo Khowudi 5 60% - 69%	Anele Khowudi 4 50% - 59%	Phakathi Khowudi 3 40% - 49%	Buthathaka Khowudi 2 30% - 39%	Bubhetyebhetye Khowudi 0 – 29%
AMANQAKU	26 -32	22 $\frac{1}{2}$ - 25 $\frac{1}{2}$	19 $\frac{1}{2}$ - 22	16 -19	13- 15 $\frac{1}{2}$	10 - 12 $\frac{1}{2}$	0 - 9 $\frac{1}{2}$
UYILO, UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO (32 AMANQAKU)	Umxholo nocwangciso lokucebisa ukuvelisa isincoko esingenamakhwiniba nesigqibeleleyo. Bonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, ingcamango zivuthiwe, zixhokkonkxa ingcinga.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko isicwangciso senze isincoko saphum'izandla, iingcamango zihlakaniphile zinomda.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kotoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo ubonakalisa isincoko esanelisayo, iingcamango ziqhelekile ziyasilela ngobunzulu. Isicwangciso, izimvo ziyanelisa.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Isiqulatho siqhelekile sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene.	Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima. Isicwangciso sintama ukungabekelwa kakuhle. lingcamango zinqongophele, soloko kuphindwaphindw a.	Umxholo, uthungelwano zimvo lutenxile, isincoko asikho mxholweni kwaye akukho namathelwano. lingcamango, uphindaphindo nokunwenwela kude kwesihloko.
	10-12	8 $\frac{1}{2}$ - 9 $\frac{1}{2}$	7 $\frac{1}{2}$ - 8	6 - 7	5 -5 $\frac{1}{2}$	4 - 4 $\frac{1}{2}$	0 - 3 $\frac{1}{2}$
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (12 AMANQAKU)	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo. Itekisi ayinazimposiso konke konke kuba kwenziwe uvavanyo- fundo nohlelo.	Isimbo imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe izivakalisi nemihlathi yakhiwe kakuhle.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo- magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekang a. Uchongo magama luphakathi. Itekisi ineziphoso ezininzi kodwa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo- magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo, uchongo magama luyahexa. Itekisi idlakadlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zibhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu. Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo- fundo nohlelo.
	5 - 6	5	4	3 - 4	3	2	0 – 1
ISAKHIWO: IMIHLATHI / IZIVAKALISI/ IZIMVO NOBUDE (6 AMANQAKU)	Ubuchule nesakhono sokwakiwa kwezivakalisi zinamathelene.	Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahlukahlukene.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa isincoko sona sinembadla.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso, kodwa iingcamango ziyalandeleka.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyubhutyu kwaye azingqinelani.

IZINCOKO ZIYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A : UMONGO NOYILO	32
B : ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	12
C : ISAKHIWO	6

ICANDELO B : IRUBRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE [30]

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80- 100%	Mfaneleko Khowudi 6 70-79%	Enomthamo Khowudi 5 60- 69%	Anele Khowudi 4 50- 59%	Phakathi Khowudi 3 40 -49%	Buthathaka Khowudi ½ 30 -39%	Bhetyebhetye Khowudi 1 0-29%
AMANQAKU	16 - 20	14 - 16	12 - 13	10 - 12	8 - 9	6 - 7	0 – 5
UMONGO, UYILO NEFOMATHI (20 AMANQAKU)	Umxholo nocwangciso ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kukutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze isincoko saphuma izandla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo konke kuyanelisa.	Umxholo isicwangciso izimvo konke kuyanelisa.	Umxholo, nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba.	Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima. Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu. Isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala.
	8 --10	7 - 8	6 - 7	5 - 6	4 - 5	3 - 4	0 – ½
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (10 AMANQAKU)	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kugqwesile.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwiqondo eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Ingqaliselo kulwimi iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zikiqondo eliphakathi.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kuyanela.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zizamekile ukuphuhla.	Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude asiphuhlanga ncam.	Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela.

IMIHLATHANA EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
A : UMONGO, UYILO NEFOMATHI	20	Mong =
B : ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	10	Lwim, Simb noHlel =
AMANQAKU EWONKE	30	

ICANDELO C: IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE [20]

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 80 – 100%	Mfaneleko Khowudi 6 70 – 79 %	Enomthamo Khowudi 5 60 – 69 %	Anele Khowudi 4 50 -59 %	Phakathi Khowudi 3 40 – 49 %	Buthathaka Khowudi 2 30 – 39%	Bubhetyebhetye Khowudi 1 0 – 29%
AMANQAKU	10 - 13	9 - 10	8 - 9	7 - 8	5 - 6	4 - 5	0 – 3
UMONGO, UYILO NEFOMATHI (13 AMANQAKU)	Umxholo, nocwangciso zibonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko isicwangciso senze isincoko esiphum'izandla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko isicwangciso senze isincoko esinika imbadla.	Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa.	Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuzamekile noxa nje kusekho izikroba.	Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima, isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala.
	6 - 7	4 – 5	4	3 - 4	3	2	0 – 2
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (7 AMANQAKU)	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zizamekile.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwiqondo eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zizamekile kakhulu.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zizamekile eliphakathi.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kuyanelisa.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zizamekile ukuphuhla.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude asiphuhlanga ncam.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzima kakhulu. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela.

IMIHLATHANA EMIFUTSHANE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
A: Umongo, uyilo nefomathi	13	Mong =
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	7	Lwim, Simb noHlel =
AMANQAKU EWONKE	20	